**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Imihlathi: | (2 x 25) (50) |

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Malunga nemizuzu engama-80 |
| ICANDELO B: | Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35) |

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.


WESTERN CAPE

## ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340-390.

### UMBUZO 1

1.1 Kwathi kanti zilungile ezo ngcebiso zakhe. **[50]**

1.2 Ilungelo lihamba noxanduva. **[50]**

1.3 Umbane uluncedo nangona ukwayingozi. **[50]**

1.4 Intaka yakha ngoboya benye. **[50]**

1.5 Igalelo lezolimo kuqoqosho lwelizwe. **[50]**

1.6 Khanisijonge ngo-2030 silolu lutsha! **[50]**

1.7 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi-www.googlesearch.com] **[50]**

## ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umzali wakho umbulele ngenkxaso akunike yona kwizifundo zakho kulo nyaka. **[25]**

2.2 **INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo phakathi kwakho notitshala wakho ngokubaluleka kokuzilolonga. **[25]**

2.3 **INGXELO**

Bhala ingxelo ngomnyhadala wokhuphiswano lwengxoxo-mpikiswano ebeninayo nalapho nibuye nendebe. **[25]**

2.4 **IRIVYU**

Bhala irivyu yenoveli oyithandayo. **[25]**

2.5 **UDLIWANONDLEBE**

Bhala udliwanondlebe oluphakathi kwakho kunye nemvumi eyindumasi. **[25]**

2.6 **ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO**

UThemba Mlenze unomdla kwesi sithuba sibhengezwe ngezantsi. Bhala isivi yakhe neleta eyikhaphayo ngenjongo yokufumana lo msebenzi.

**ISITHUBA SOKUBA LIGOSA LENDLELA**

**Uxanduva lwalo msebenzi kukuqinisekisa ukuba:**

1. Izithuthi zisemgangathweni wokuba sendleleni.
2. Abaqhubi baqhuba ngamaphepha okuqhuba asemthethweni.
3. Abaqhubi bathwele inani elivumelekileyo labakhweli.
4. Isantya esivumelekileyo sokuqhuba.

**IZIQINISEKISO ZEMFUNDO**

*Ibanga leshumi elinambini nesetifikethi/idiploma yobugosa bendlela.
*Isiqinisekiso sokuqhuba.

**AMAVA**

*Ukukwazi ukuthetha nokusebenzisana nabantu.
*Ubuchule bokusebenzisa iteknoloji.
*Kulindeleke umntu onamava eminyaka emithathu kulo msebenzi.

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**